Isalathiso: 20200722-7134
Inombolo yefayili: 12/2/11/6
Imibuzo: SMM Rampou

INgcaciso eMfutshane yeKharityhulam ye*GET*: DCG 0005/2020

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtloko zokuNika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli be*GET* ne*FET*, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNqununu zazo zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nezizimeleyo ezinamaBakala 4-11

Isihloko: Kucelwa izikolo ukuba zibhalise abafundi bamaBakala 4–11 ukuba bathathe inxaxheba kwiprojekthi i-*4th Global Climate Action Project*, ngo-Oktobha 2020

1. Iprojekthi i-*4th Global Climate Action Project* iza kumiselwa ngo-Oktobha 2020 yaye iya kuqhuba iiveki ezintandathu.

2. Le projekthi yezemfundo inenjongo yokukhokelela ekutshintsheni iindlela abantu abenza nabaziphethe ngayo ngokusebenzisa imfundo ngokubhekisele kutshintsho kwiineko zemozulu yethuba elide (*climate change*). Yenziwa ngentsebenziswano ne-*World Wide Fund for Nature* (*WWF*), i-*United Nations* (*UN*), i-*National Aeronautics and Space Administration (NASA)*, i-*United Nations International Children's Fund* (*UNICEF*), i-*Global Citizen* yaye ivunywa ngoyiNgcwele (*His Holiness*) (HH) uDalai Lama, uGqr Jane Goodall, onguMongameli wase-Ireland, uMichael D Higgins, *we-Amnesty International*, kunye ne-*Greenpeace*. Iya kubhengezwa ngamajelo eendaba amazwe ngamazwe kumazwe ayi-45 kuqukwa i-*British Broadcasting Corporation* (*BBC*), i-*Cable News Network (CNN)* kunye ne*National Geographic*. Iyunivesithi yaseBrussels neyaseHarvard ziya kuba zisenza uphando ukulinganisa isiphumo sale projekthi.

3. Iprojekthi i-*Global Climate Action Project* inenjongo yokuquka ngaphezu kwesigidi sabathathi-nxaxheba kumazwe ayi-100.

4. Le projekthi igxininisa ekuthatheni inxaxheba kwabafundi yaye iya kubanika ithuba lokusebenzisana, ukwenza uphando, ukuvakalisa iimbono zabo kwiingxoxo zamaqela, ukuxoxa ngeengcinga zabo, ukwenza inkcazo-ntetho kwanokwabelana ngeziphumo zabo ngokubhekisele kwizihloko ezingokutshintsha-tshintsha kweemeko zemozulu yethuba elide kunye neengcali, besebenzisa amaqonga amajelo onxiibelelwano oluntu ahluka-hlukeneyo (*various social media platforms*).

5. Iprojekthi i-*Global Climate Action Project* igxininisa kubafundi abaphakathi kweminyaka eyi-6 ukuya kweyi-22 kunye nenkxaso yootitshala babo. Le projekthi iquka izifundo eziliqela ezinjenge-*Natural Sciences*, *Mathematics*, *Geography*, *History, Literature*, njl. njl. Abafundi baya kufunda ukusebenzisa izixhobo ezithile ngaphandle kokuyalelwa ukuba bazisebenzise njani, umzekelo, i-*Lego*, *Minecraft*, i-*stop motion videos*, i-*Office Mix* neefowuni ukwenza iividiyo. Ngaphezulu, baya kufumana izixhobo eziliqela ukubhala amanqaku amafutshane.

6. Izakhono eziya kufundiswa ziquka into engaphaya kokufunda okusekelwe kulwazi. Ziya kufundisa abafundi ngezakhono ezibalulekileyo zenkulungwane ye-21 ezinjengezi:
   - ukusebenzisa ingqondo ngobuchule (*creativity*), ukuqiqa (*critical thinking*), ukuhlola (*exploring*), ukuvakalisa iimbono ngokuxoxa nabanye ngamaqela, ukuxoxa, ukusombulula iingxaki, unxibelelwano;
   - intsebenziswano kunye nokufunda omnye komnye ngokubanzi nokwabelana ngeziphumo ngokwenza kwanokufaka iividiyo qho ngeveki kwiqonga i-*Global Climate Action Project platform*; kunye
   - nokuzibandakanya kwimfundo kusetyenziswa ithekhinoloji ngokuyila amazwe akhuthaza ukuxatyiswa kwezokusingqongileyo (*eco-friendly worlds*) kwisistim i-*Minecraft* okanye kwi-*Lego*.

7. Ngaphezulu, abafundi baya kufumana uvelwano (*empathy*) ngokufunda ngendlela oontanga babo abakwihlabathi elisondeleleneyo (*global peers*) abasingatha ngazo amava anjengemililo yamahlathi, izikhukula ezikhatshwa ludaka kunye neminye imiba yezokusingqongileyo,

8. Intsebenziswano yamazwe asondeleneyo (*global collaboration*) iya kuxhobisa abafundi ngonxibelelwano lwexesha elizayo nangotshintsho olunokwenzeka emsebenzini okanye iilahleko ezifuna uhlengahlengiso ngoko nangoko nokwenza izinto ngendlela entsha (*innovation*).

9. Le projekthi iya kunika ootitshala ithuba lokuzibandakanya noluntu lwamazwe asondeleneyo (*global community*) nabanye bootitshala abaziintshatsheli behlabathi – ibanike ithuba lokuba basebenzisane kumgangatho wamazwe asondeleneyo, kwabelwane ngeziphumo, ngezona nkqubo zokufundisa zibhetele, kunye nokufikelela kwiziko ledatha yemisebenzi. Baya kufumana ikharityhulam, kuqukwa nezicwangciso zezifundo. Baya kukhokelwa kwakhona ngabaququzeleli bephulo i-*Global Climate Action Project*, abaya kunika iingcebiso ngokumalunga nendlela yokusebenzisa ithekhinoloji

ngempumelelo yaye baziswe nangezinye iinkqubo zokufunda eziyimpumelelo. Ootitshala baya kunikwa inkxaso njengoko besuka ekubeni ngabahlohli bayokuba ngabakhokelayo besebenza neenkokeli zengxoxo. Baya kuba yinxalenye yoluntu lwamazwe asondeleneyo ngokubanzi yaye bafumane iibheji kunye nezatifikethi.

10. Iprojekthi i-*Global Climate Action Project* iya kumisela kwakhona ikhasi elenzelwe le projekthi (*dedicated page*), umzekelo, http://southafrica.climate-action.info, ukulungiselela intsebenziswano nabo bonke abathathi-nxaxheba.

11. **Ingaba zingazibandakanya njani izikolo?**

    Ootitshala banokubhalisa *(sign up)* bajoyine simahla apha www.climate-action.info/joinus. Emva kokubhalisa kwiziko lewebhu, baya kuzibandakanya noluntu lwamazwe asondeleneyo yaye bangene kwiqonga elibanika ithuba lokuba babelane, basebenzisane yaye babalule iinzame zabafundi babo. Emva kokubhalisa kwabo ootitshala baya:

    - kufumana ii-imeyili nezikhokelo ngendlela yokuqalisa;
    - kuba nokukhetha ukwabelwa umququzeleli wokubakhokela bona kuhambo lwabo;
    - kucelwa ukuba bathathe inxaxheba kwiwebhina ukuchaza okulindelekileyo nokwabelana ngesiphumo seprojekthi kwiminyaka edlulileyo; kunye
    - nokuthunyelelwa ikharityhulam kuqukwa izicwangciso zezifundo kunye nemisebenzi.

12. Umsebenzi wabafundi uya kuboniswa kwiziko lewebhu leprojekthi i-*Global Climate Action Project*, kumajelo onxibelelwano oluntu, nakumajelo eendaba aqhelekileyo, apho kufanelekileyo.

13. ISebe leMfundo leNtshona Koloni licela zonke izikolo ukuba zithathe inxaxheba kule projekthi inomdla ineenjongo zokomeleza ubuchule bokujongana nesiphumo samathuba kaxakeka okutshintsha kweemeko zemozulu yethuba elide kunye nokusindisa ubomi babantu.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2020-08-03